UMTETELI

WA BANTU, JOHANNESBURG, 7TH MARCH, 1925

# Mazibhange I Izikumbuzo Ezingenalo u Manyano.

## Aliko konke Ixesha lokufamla Enkungwini:

*Tyila ku Yesaya 19: 18.*

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Ngalomini imisi emihlanu Ezweni lama Jiputa, iya kuteta inteto yelakwa Kanan: Ifunge kube kupela u Yehova wemikosi: U Kanan ke yindlu Emnyama jikelele—nengcambu zayo: Akuko ke u Yehova ka Ntsikana yedwa; engeko ke nowa Mamfengu odwa: Hay' kona! Okoyo u Yehova ngowe Zizwe zonke Ezintsundu ngapantsi kwe Langa; zidibene—zikumbule into ibe nye: Zilile kunye:—Qwaba ke.

Taru mhleli ngesituba sezimbongi
Ndiko noko ndingumfana andimbongi
Ndizalwe izolo pesheya kwe Gqili
Ndakula ke ngendevu ndaba njengo-
Hili.

Inyaniso iqaletwe zisi Bhalo
Napantsi ke kweyetu imibhalo
Entlalweni nembambano ninjani
Namaratshi okungazi anjani?

Kuninina makowetu sikonkota
Sipikisa abantu besiqongqota
Umanyano nje kupela langa Mandla
Kuba lulo lodwa olunokusondla.

Uti u Yesaya yizani kwa nonke
Bonke abantsundu bayamenywa bonke
Zulu, Mxosa, Msutu, nawe Tye lase-
Mb'o
Bonke bayafana akunandawe zimb'o.

Akako oka Ntsikana u Yehova yedwa
Engeko nowa Mamfengu u Yehova
yedwa
Yintoni ukungati singamaqeya
Alala equlaselene amaqeya.

Mazibhange Izikumbuzo ezinjalo
Ucalulo lwazo lukupa umxelo
Nisipe amazwi akutaza umzi
Kona eludidini wake wanje umzi?

Akako u Yehova ka Ntsikana yedwa
Engeko no Yehova wama Mfengu odwa
Aliko ke nelokufamla enkungwini
Awu ndak'ubeka ndibheka emlungwini.

Lento ilu Manyano yingwe yetunzi
Nasezintsizini zonke zake u Menzi
Zonk' intshaba zakoyiswa ngenxa yalo
Nenceba zezulu zakutotywa ngalo.

Yiba mnye ke vuma ingom' ibenye
Nowakowenu yifela ndaweninye
Uti u Yesaya ndim low' ute'ayo
Bikela ma—enu uti ndim otshoyo.

Ucalulo lukuti kwano kungcatshana
Iqwesheke i Afrika sisagxagxisana
Inene singabhanga sike sazipata
Tu—nto nabhongo elo lokuzipata.

Taru Afrika mpi ziyabinzana
Zimane ziqauka zibuye zihlangana
Ezizipani ke ziyintluzentluze
Zihlalele ukwapuka imilenze.

Taru Afrika mpi ziyabinzana
Zimane ziqauka zibuye zihlangana
Kode kube nini makowetu "Zakeni"
Baninqabelene ngokume zintabeni.

Kuza ixesha lento esa Bhalwayo
Ndifung' Ndlambe nobawo ndizalayo
Ngeloxesha ke sonke soma ngenyawo
Ukungevani kobe kungenandawo.

Camagu!!